Isalathiso: 20200617-6527
Inombolo yefayili: 12/2/8/12
Imibuzo: LB Shasha
IM Swartz

ISetyhula: 0024/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye neehostele (kungafakwanga zikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho neebhasari zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nasezikolweni.*

Isihloko: Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho neebhasari zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nasezikolweni

1. Kunikwe imvume ukuba zinyuswe ezi bhasari zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2020:**

1.1 Iibhasari zokubhoda zasehostele

Amaxabiso eebhasari okubhoda aphezulu ahlawulwa abafundi abasweleyo ezihostele ezinxulumene nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo anyukile ukususela kwi-R9 460,00 ukuya kwi-R9 914,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.2 Ukubhoda kwindawo zabucala nezothutho zabucala

Amaxabiso okubhoda kwindawo zabucala aphezulu kunye neebhasari zezothutho ezihlawulwa abafundi abasweleyo kwizithili zemfundo i*West Coast*, i*Cape Winelands*, e-*Eden* kunye nase*Central Karoo,* anyukile ukususela kwi-R2 220,00 ukuya kwi-R2 327,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.3 Kucelwa uqaphele ukuba: Zonke ezi bhasari zingentla zibalwa ngokungqinelana novavanyo lobungakanani beemfuno oluvunyiweyo (makujongwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko; 0001/2018, yange-09 Matshi 2018) neekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula

0143/1998, yange-06 Novemba 1998, nakwiSetyhula 0029/2001, yange-13 Matshi 2001.

2. Kunikwe imvume kwakhona yokunyuswa kweenkxaso-mali zabasebenzi ezilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2020:**

2.1 Inkxaso-mali kubasebenzi ehlawula izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lokubhaliswa kwabafundi abanganeno kwe-201 yabafundi, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo kunye nabasebenzi beenkonzo ngokubanzi, inyusiwe ukususela kwi-R620,00 ukuya kwi-R650,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka. Kuya kuhlawulwa ubuncinane be-R23 213,00 kwisikolo.

2.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa iihostele zikarhulumente eziqhelekileyo ezinamabhoda anganeno ko-50, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukususela kwi-R9 460,00 ukuya kwi-R9 914,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

2.3 Kucelwa uqaphele ukuba zonke iinkxaso-mali zabasebenzi zibalwa ngokweekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0117/2000, yange-03 Septemba 2000, neSetyhula 0025/2011, yange-11 Oktobha 2011.

2.4 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa iihostele zeecawa okanye kwiindawo zabucala, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo nabokucoca, inyukile ukususela kwi-R2 160,00 ukuya kwi-R2 263,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

3. Iimali ziya kuhlawulwa kuphela esikolweni ukuba i-ofisi yesithili sisingqina isikolo eso njengesifanelekileyo ngokwasemalini ngokusekelwe kwimisebenzi yezemali yeekota ezidlulileyo. Ngaphezulu, ukuba isikolo asiqinisekiswanga njengesifanelekileyo ngokwasemalini ngomhla okanye phambi kokuphela konyaka-mali, isikolo singaphulukana nenkxaso yemali ehlawulwa ngoomatshini.

4. **Iinombolo zoqhagamshelwano ukulungiselela imibuzo**

Isihloko	**Igama**	**Ifoni**	**Idilesi ye-imeyili**
Iintlawulo ngoomatshini: Iibhasari zokubhoda zeehostele (A-E)	Mnu Brian Veale	021 467 2752	Brian.Veale@westerncape.gov.za
Iintlawulo ngoomatshini: Iibhasari zokubhoda zeehostele	Ms Priscilla Isaacs	021 467 2445	Priscilla.Isaacs@westerncape.gov.za

(F-O)			
Iintlawulo ngoomatshini: Iibhasari zokubhoda zeehostele (P-Z)	Nks Jennifer Benting	021 467 2752	Jennifer.Benting@westerncape.gov.za
Iintlawulo ngoomatshini: Ukubhoda kwiindawo zabucala nezothutho zabucala	Mnu M Ponti	021 467 2778	Mzwabantu.Ponti@westerncape.gov.za
Iintlawulo ngoomatshini: Iinkxaso-mali zabasebenzi	Mnu A Muller	021 467 2843	Alfranco.Muller@westerncape.gov.za
Iintlawulo ngoomatshini: Kwiihostele zecawa okanye kwiindawo zabucala	Nks L Shasha	021 467 2770	Lungiswa.Shasha@westerncape.gov.za

5. Kukhuthazwa izikolo/iihostele ukuba zingenise nayiphi na imibuzo, ngencwadi ebhaliweyo kwaba bantu bachaphazelekayo bangentla ukuba abafumaneki efonini.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-21